Isaziso: 20200904-7868
Inombolo yefayili: 2/12/46
Imibuzo: G Ismail

INgcaciso eMfutshane yeCandelo le-*eLearning*: DEL 0002/2020

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli be-*FET* ne- *GET*, kuBacebisi ngeZifundo, kwiiNqununu nooTitshala bazo zonke izikolo zikarhulumente eziqhelekileyo nezezikolo zemfundo eneemfuno ezizodwa

Isihloko: Ukwaziswa kwezibonelelo i-*@Home Remote Teaching and Learning Series* zootitshala, abazali nabafundi.

1. ICandelo le-*eLearning* leSebe leMfundo leNtshona Koloni (*WCED*) lithanda ukwazisa izibonelelo i-*@Home Remote Teaching and Learning Series* zootitshala, abazali nabafundi. Ezi platfom zonxibelelwano zisebenza njengamathuba okufunda ngesantya ozibekele sona ukunika inkxaso ukufundisa nokufunda ukwenzela ootitshala, abazali nabafundi bengekho kwiziko lemfundo.

2. Ezi ndidi zezibonelelo zenkxaso zijoliswe kutitshala, kumzali nakumfundi, umntu ngamnye kubo eneziko lewebhu elilelakhe afikelela kulo ngekhompyutha nangeedivayisi eziziselula nezinye iindidi. Amaziko ewebhu amathathu abonelela ngesikhokelo senkqubo yokubonisa indlela yokwenza oku, inkxaso yezibonelelo kwaye ancedisa ekuboniseni ukuba kungenziwa njani ukudala indawo ekhuthaza ukufundisa nokufunda abafundi bengekho kwiziko lemfundo. Omathathu amaziko ewebhu afikeleleka ngokungena kwiziko lewebhu *@Home Remote Teaching and Learning Series* kule dilesi yewebhu: *https://wcedeteacher.wixsite.com/remoteeducation.*

3. Isishwankathelo seendidi zezibonelelo zokufundisa nokufunda abafundi bengekho kwiziko lemfundo

3.1. Ikhomponenti yokuqala yeendidi zezibonelelo igxila kootitshala, kusetyenziswa i-***@Home Teacher Remote Teaching and Learning Series***. Eli ziko lewebhu libonelelwa njengethuba lokufunda ngesantya ozibekele sona kwaye lijolise ekufezekiseni nasekuphuhliseni izakhono zikatitshala zokufundisa nokufunda abafundi bengekho kwiziko lemfundo yaye likwaphononongа izixhobo zokufunda zethekhnoloji.

Iphekhi katitshala ineemdodyuli ezi-5, izibonelelo ezingaphezu kweziyi-150, iikhosi ezikwikhompyutha kwaye inika ilisti yee-*webinars* ezirekhodiweyo ezizayo emaziphononongwe:

- *Module 1: DIY Home Classroom*
- *Module 2: Teaching Strategies*
- *Module 3: Finding Digital Content*
- *Module 4: Creating Content*
- *Module 5: Sharing Platforms*

Iziko lewebhu linokufunyanwa ngokungena apha https://wcedeteacher.wixsite.com/eteacher.

3.2 Ikhomponenti yesibini yezibonelelo igxile kubazali kusetyenziswa i-***@Home Parent Remote Teaching and Learning Series***. I-*Parent Toolkit* ijolise ekubanikeni uncedo lokuququzelela ukufunda ekhaya, inika isishwankathelo seeplatfom zemfundo ezahlukahlukeneyo yaye ikwanika neengcebiso malunga nendlela yokwenza indawo encedisa ukufunda ekhaya.

Esi sibonelelo siyi-*Parent Toolkit* sahlulwe saba zii-*toolboxes* eziyi-5 ukuncedisa ekuququzeleni ukufunda abafundi bengekho kwiziko lemfundo ngezibonelelo ezingaphezulu kweziyi-100:

- *Toolbox 1: Parent Involvement*
- *Toolbox 2: Creating and managing learning environments*
- *Toolbox 3: Enable Communication*
- *Toolbox 4: Enable Learning*
- *Toolbox 5: Cyber Wellness*

Iziko lewebhu linokufunyanwa ngokungena apha: https://wcedeteacher.wixsite.com/parenttoolkit.

3.3 Ikhomponenti yesithathu yezibonelelo igxile kubafundi, kusetyenziswa i-***@Home_Learner Remote Teaching and Learning Series***. Ijoliswe ekulungiseni iingxaki abangajongana nazo abafundi abaninzi xa belawula ukufunda kwabo emakhaya kwaye inika iingcebiso zokuzilungiselela kwabo ngokuzithemba nangokuyimpumelelo.

Eli lithuba lokuziqhuba ngesantya ozibekele sona kubafundi abafunda bengekho kwiziko lemfundo kwaye lijoliswe kwabo babudala buyiminyaka eyi--10 nangaphezulu. Kuqukwe apha necandelo loziqhelisa ukwenza imisebenzi eyolisayo, elokudlala imidlalo enemfundiso, kwakunye necandelo lendlela elungileyo yokusebenzisa i-intanethi (*cyber wellness*) ukuphucula indlela eyamkelekileyo yokusebenzisa i-intanethi nonxibelelwano. Akukho miqathango ingako imiselweyo yesimbo sokubhala nendlela yokusetyenziswa kolwimi kweli candelo kwaye kusetyenziswa amaqonga onxibelelwano (*social media)* ukunxibelelana.

Ikhomponenti eyahlulwe yazi-*Hashtags* eziyi-5, inezibonelelo ezingaphezulu kweziyi-150, apho abafundi banako "**Ukulandela i-*Hashtag*"** ukunikwa iingcebiso ngokufunda kwabo bengekho kumaziko emfundo:

- *#Prepping2Learn*
- *#LearnWithMe*
- *#CurriculumForward*
- *#BreakTime*
- *#ThinkBeforeYouPost*

Iziko lewebhu linokufunyanwa ngokungena apha: https://wcedeteacher.wixsite.com/learnfromhome.

4. Omathathu amaziko ewebhu ayafumaneka ngokungena kwiiplatfom zonxibelelwano ze-Sebe i*WCED* ezahlukahlukeneyo:

ePortal	www.wcedeportal.co.za
eLearning SideKick	https://wcedonline.westerncape.gov.za/elearning
Facebook	https://web.facebook.com/wcedelearning
Instagram	https://www.instagram.com/wced_elearning

Twitter	https://twitter.com/WCED_eCulture
Landing webpage	https://wcedeteacher.wixsite.com/remoteeducation

5. Intsebenziswano yakho iya kuba nexabiso yaye iyathakazelelwa kakhulu.

6. Kucelwa ukuba iinqununu zidlulisele okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane kootitshala, kubazali nakubafundi ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS

USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO

UMHLA: 2020-09-07